Isalathiso: 20211214-8799
Inombolo yefayili: 12/11/8
Imibuzo: ABacwangcisi beKharityhulam abaKhulu (kwi-GET & FET)

INgcaciso eMfutshane yeKharityhulum noLawulo loVavanyo: 0004/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, nakwiiNqununu neeNtloko zamaCandelo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo

Isihloko: Ukufundiswa kweKharityhulam

1. Ukufundiswa kwekharityhulam yinkqubo yezemfundo eqhubekela esikolweni yokuqinisekisa ukuba ikharityhulam emiselweyo ekhoyo ngoku iphunyezwa ngendlela yokuba abafundi bafikelele kumthamo omiselweyo kwisifundo ngasinye nakwibakala ngalinye.

2. Ukubekwa esweni kokugqitywa kwekharityhulam kungummiselo ogunyazisiweyo yaye oko makwenziwe kwinqanaba lesikolo apho utitshala ngamnye wesifundo okanye weklasi makanike ingxelo ngokugqitywa kweziCwangciso zokuFundisa zoNyaka (*Annual Teaching Plans)* qho ngekota yonyaka.

3. Iingxelo zaqho ngekota zokufundiswa kwekharityhulam kufuneka zingeniswe ziinqununu kubaphathi beesekethe ekupheleni kwekota yonyaka nganye.

4. Ezi ngxelo ziya kusetyenziselwa ukulungelelanisa nokwenza izicwangciso zenkxaso zokuhanjelwa kwezikolo zekota yonyaka elandelayo.

5. Luyaqhubeka uthetha-thethwano lwangoku nezicwangciso zokufakwa kokufundiswa kwekharityhulam kwisixhobo seebloko zokwakha (*building blocks tool)* esiya kuthi ekugqibeleni sibe yinxalenye yeqonga loKuzivavanya kweSikolo *(School Self Evaluation platform)*.

6. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2021-12-15

wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Tel: 021 467 2085
Western Cape Education Department